| I-Auxin isingathwe | LiZiko lokuFundisa nokuFunda (CTL) |
|---|---|
| Isihloko sentetho yakho<br>- Nceda uqinisekise ukuba inxibelelana njani nokufundisa nokufunda | Artificial Intelligence in Higher Education: ChatGPT and its implications for teaching, learning and assessment |
| Isihlonipho kunye negama lomenzintetho (Abenzintetho) | Nksz. Magriet de Villiers; Nksz.Dalene Joubert; Gqr. Philip Southey kunye no Gqr.Hanelie Andendorff |
| Ibali elifutshne ngobomi bomenzintetho<br>- 50 – 100 amagama | UMagriet de Villiers unguMcebisi kwiiThekhnoloji zokuFunda kwiZiko leThekhnoloji zokuFunda e-CLT kwiYunivesithi yaseStellenbosch (SU), eMzantsi Afrika. Ufunde waza wafundisa kwinkalo yezaKwalizwi eSU. Uthathe isithuba somsebenzi kwiFakhalthi yezaKwalizwi njengomlungelelanisi weendlela ezixutyiweyo zokufunda kwiFakhalthi yezaKwalizwi, emva koko wathabatha isithuba sokuba ngumlungelelanisi woPhuhliso kwezeMfundo. Okwangoku unguMcebisi weeThekhnoloji zokuFunda eCLT kwaye ubonelela ngenkxaso kwiziko ngokusetyenziswa kweICT ekuFundeni nasekuFundiseni. Umdla wakhe ekufundiseni nakuphando ugxile kwinkxalabo yenzululwazi yokufundisa, indawo zokufundela, uhlakanipho olwenziwayo kumaziko eMfundo ePhakamileyo, uyilo lokufunda nokufundisa, ukufunda okuxutyiweyo kunye nendlela yokufunda yehaybhridi.<br><br>UDalene Joubert ulilungu elitsha elongeziweyo kwiqela labacebisi kwiCTL eSU. Unesidanga seMastazi asifumene kubambiswano lweeyunivesithi ezimbini iSU kunye neYunivesithi yaseLeiden, i-PGCE eUnisa kwaye ngoku uxakekile wenza iPhD yakhe kwiziFundo zeGuqulomagama e-SU. UDalene unothando olugqithisileyo ekufundeni nasekufundiseni, kwaye ebe kulo msebenzi ngaphezulu kwenkulungwane – ufundise kuzo zombini iiYunivesithi, eyaseRhodes kunye neSU, ngokunjalo wayengutitshala wesikolo samabanga aphezulu. Uyawuthanda umsebenzi wakhe, kwaye ngoku uhlola indlela enqumlayo apho zidibana khona iAI, iTLA kunye neSU.<br><br>UPhilip Southey uhlohla inzululwazi yezinto zendalo kwiYunivesithi yaseStellenbosch. Wafumana iPhD kwiNzululwazi yezinto zeNdalo kwiMfundo ePhakamileyo kwiYunivesithi yaseKapa (UCT) emva kokugqiba kwakhe iBSc Astrophysics eUCT kunye neBA PPE eOxford. Ubona ukufundisa njengomnye wemicelimingeni emikhulu yengqondo nenika elona hlombe likhulu. Umdla wophando lwakhe ulele kwindawo ezidibana kuyo inzululwazi, imfundo kunye nefilosofi, ingakumbi iimpawu ezisisiseko sokutshintsha kwezi zifundo. Ufundise isiNgesi kwiilali zasemaphandleni aseHimalaya kwaye wadlalela ukumkanikazi umculo webagpipes.<br><br>UHanelie Adendorff ungumcebisi ophezulu kwiCTL eSU. UnePhD kwiKhemistri kodwa ebesebenza kuphuhliso lobungcali ukusukela ngowama2002. Umsebenzi wakhe kunye nophuhliso lobungcali waqala ngomdla ekufundeni |

| | |
|---|---|
| | okuxutyiweyo, kodwa sele ebandakanye umsebenzi kwiinkalo zovavanyo, ukunxibelelanisa ukufunda ngentsebenziswano, izifundo zenzululwazi, kunye, mvanje, ukudikholonayizwa kwekharityhulam yenzululwazi. Njengelungu lendawo ebalulekileyo yokufundisa nokufunda kwiFakhalthi yeNzululwazi, usebenza kunye neSekela Ntloko lefakhalthi yeNzululwazi (ukuFundisa nokuFunda) ukukhulisa ubume bokufundisa kwifakhalthi. Njengoko intshukumo yeSU yokuya kwindlela kaxakeka yokufundisa neyandisiweyo efumaneka ukude, ebebandakanyeka kuphando lweziko kuvavanyo. |
| Isishwankathelo / intshayelelo yentetho yakho.<br>- 150 – 250 amagama<br>- Bandakanya isiphelo kunye /okanye iziphumo ekufundiseni nasekufundeni eSU.<br>- Sisebenzisa le nto ukumema abazimasi kwintetho yakho ye Auxin. | Siye sabona inkqubela phambili ebalulekileyo kwizixhobo zeAI kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, kubandakanya ukungeniswa kwezinto ezintsha ezibalulekileyo ezivela kwiziseko zoshishino njengoGoogle kunye noMayikhrosofti, nokusebenza okutsha kweAI kungekudala eza kufakwa kuGoogle Suite kunye noMayikhrosofti wekhspeyisi. Olu phuhliso lutsha luya kuba nefuthe elibalulekileyo kwindlela esisebenza ngayo, esifunda ngayo kunye nesiphila ngayo, into leyo eza kubangela imibuzo malunga neziphumo ezinokubakho ekufundiseni,ekufundeni nakuvavanyo kwiHE.<br><br>Kule seshoni siya kungena nzulu kwimpembelelo yeAI kwimfundo. Ingxoxo yethu iya kubandakanya:<br>• Uhlolo olufutshane kwimbali lweAI kunye nobume bophuhliso lwayo lwangoku<br>• Uvavanyo lweethekhnoloji zeAI ezisetyenziswayo ngoku, nokuba ziyiguqule njani indlela esiphila ngayo, kunye nendlela esinxibelelana ngayo omnye nomnye<br>• Njengengqwalasela ethile kwiChatGPT,kubandakanya umboniso wamandla ayo ngoku, kwaye singayisebenzisa njani kubume beTLA eSU. |
| Iingcebiso ngokunokufundwa<br>- Nceda ubonelele ngolwazi lwebhibhliyografi yamanqaku ama2 okanye ama3 afundeka lula/izahluko kwizihloko, ezinxulumene ngqo nokufundisa kunye nokufunda eSU).<br>- Nceda ubandakanye ii DOI kunye/okanye i-hyperlink kwinqaku ukuqinisekisa ufikelelo. | 1. Chapter 1, “Education” of Impromptu by Reid Hoffman and GPT-4.<br>a. Download free pdf from the book’s website (https://www.impromptubook.com/) or at the link embedded above<br>2. *The Conversation* article: “ChatGPT is the push higher education needs to rethink assessment” by McKenna, Dixon, Oppenheimer, Blackie and Illingworth. Published 12 March 2023.<br>a. Access article through the link embedded above or here: https://theconversation.com/chatgpt-is-the-push-higher-education-needs-to-rethink-assessment-200314 |
| Amagama angundoqo | |
| Umhla wentetho | Epreli we-12, wama20223 ukusukela ngo12:45 ukuya ku13:45 ixesha le-SA . |
| Indawo | MSTeams |

